

IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE

# UMvundlana uqhatha uMpungutye



ISIXHOSA

Inqanaba: 1

1

Incwadi

1

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala



## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana  
ukuba incwadi iyakuvumela oko.*



*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda  
ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele  
abafundi basebenze ngokwamaqela benze  
imisebenzi efanelekileyo yokufunda  
ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini.  
Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo  
mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

# UMvundlana uqhatha uMpungutye




Kulo nyaka ayinanga imvula kwaye  
izityalo emasimini bezome kakhulu.

Abalimi bajonge enkalweni,  
benethemba lokuba kuza kuna, kodwa  
kwakungekho nelifu elibonakalayo.

UMpungutye, owayenefama  
ekufutshane nomlambo,  
wayenezityalo ezichumileyo eziluhlaza  
yaka. Wayeneziqhamo nemifuno  
emininzi kuba wayekwazi ukumpompa  
amanzi asuka emlanjeni.

Kodwa uMpungutye zange abelane  
namntu ngamanzi akhe okanye  
iziqhamo nemifuno.



Ngaminazana ithile eshushu,  
uMvundlana wagqiba ekubeni  
achwechwele kwifama kaMnu  
Mpungutye ukuze afumane isidlo  
sasemini. Kwimizuzwana nje embalwa,  
uMpungutye wambona.

“Grrr! Ukuba utya iziqhamo zam, ndiza  
kukuleqa ndikutye.” wakhwaza watsho  
uMpungutye.

UMvundlana walakatyula ukubaleka oku,  
umfama onomsindo esezithendeni zakhe.  
UMvundlana wathi pheselele, waphela  
emehlweni.

Wajika waba lithanga elikhulu elimthubi.

“Xa ndinokufumana laa mvundla ukhathazayo, ndiya kuwutya njengethanga,” wagramama uMpungutye enomsindo waze waphosa ithanga emhlabeni.



UMpungutye waleqa uMvundla obalekayo waze wawubamba ngomsila. “Ngoku ndiza kukutya...”

Kodwa uMvundla wazijika wasisiqhamo esikhulu imango esimnandi.

“Whowu, jonga le mango!” wakhwaza umfama. “Ukuba ndingakhulisa iimango ezininzi ezimnandi, ndingazithengisa kwaye ndingasisityebi esikhulu,” wacinga njalo.

Ndiza kuyitya le mango, ndityale ipete yayo. Ndiya kufumana isivuno esihle seemango ukuze ndizithengise.”





Uthe uMpungutye xa eza kuluma imango, inyosi yamluma esandleni, waze wayilahla imango.

“Hamba, nyosindini engalunganga!”

Ngaloo mzuzu, imango yaguquka yanguMvundlana, nowathi nje ngomtsi, waxhuma watsibela kude kakhulu.

UMpungutye waleqa uMvundlana. UMvundlana wangena phakathi etyholweni waduka.

“Ndiza kukufumana Mvundlana!” wakhwaza watsho uMpungutye enomsindo. “Ndiza kukubonisa!”



Umfama wabona uMvundlana usitya ivatala yakhe.

“Heyi wena! Yivatala yam yexabiso leyo,” wakhwaza, esondela kufutshane noMvundlana.

UMvundlana olambileyo watya iivatala ezimbini ngephanyazo.

“Esinjani ukuba mnandi isidlo sasemini!” watsho uMvundlana ezilenca imilebe. “Yile nto bendiyifuna kolu suku lushushu kangaka!” Uthe akubona uMpungutye, waqalisa kwakhona ukubaleka.



Umfama waleqa uMvundlana. “Ndiza kukufumana ngoku!” wakhwaza watsho, kodwa uMvundlana waphela emehlweni.

UMvundlana ngoku wazijika wasisiqobo somthi.

“Awu!” watsho xa ekhubeka kwaye ecaphuka. “Kufuneka ndikubambe Mvundlana okhathazayo!”



“Kwenzeka njani ukuba uMpungutye okrelekrele njengam aqhathwe ndim ndimncinci ndingumvundlana nje ogezayo?” wacinga njalo ezivuthulula uthuli ezimpahleni zakhe.

Ngomsindokazi, umfama uphakamise isiqobo somthi wasiphosa phantsi.

Sithe isiqobo sakufika emhlabeni, saguquka sanguMvundlana owabalekela ngasemlanjeni.

“Heke! Ndiza kukufumana ke ngoku kuba nina boomvundlana anikwazi kudada,” wathetha yedwa umfama onomsindo.

“Ncedani!” wasitsho isikhalo uMvundla owoyikayo.





Umfama wathi kanye xa eza  
kumbamba uMvundlana, watyibilika  
elityeni elimnyama waya kuwa.

“Awu!” wakhwaza umfama.

Wathatha ilitye waliphosa kude  
kakhulu. Iilitye labhabha njengentaka  
emnyama. Lawela ngaphesheya  
komlambo kwelinye icala.


Lithe xa lisiwa...



Lithe xa lisiwa kwelinye icala, ilitye lajika languMvundlana, okhwaze kakhulu luvuyo.

“Heke wandiweza! Wandiweza!” wacula umvundla owonwabileyo, udanise waze wabalekela kude.

UMpungutye wabukela uMvundlana ubaleka. Wacinga ukuba angenza ntoni ukuphelisa umkhwa wokutyiwa kwezityalo zakhe ngabahlali kwixesha elizayo.



Kusuku olulandelayo, uMpungutye  
wacinga icebo.

**Wabona ukuba makafundise abahlali  
iindlela zokuzinceda.**

Bangawampompa amanzi ukusuka  
emlanjeni ukuya kwiifama zabo.






# Iintsomi



Iintsomi ngamabali abaliswa sisizukulwana esinye ukuya kwesinye. Ezi ntsomi zifundisa ngeendlela zokuziphatha futhi ziyonwabisa kuba ziyahlekisa xa uzifunda. Kwiintsomi ezininzi sihlangani nezilwanyana ezikwaziyo ukuthetha. Ingaba umakhulu wakho okanye ukhokho wakhe wakubalisela iintsomi ezifundisa ngeendlela yokuziphatha?

Yeyiphi kwezi ntsomi zilandelayo oyaziyo?



# Imisebenzi yokufunda yeqela



1






Jonga imifanekiso.

- Xelela umhlobo wakho ngokwenzekayo kumfanekiso ngamnye.
- Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso ekufuneka ube ngowokuqala, owesibini, owesithathu nowokugqibela.
- Balisela ngokutsha umhlobo wakho ibali usebenzisa imifanekiso.



2

Jonga amagama kunye nemifanekiso. Khetha amagama amabini akhoyo ebalini wenze isivakalisi ngawo. Wabhale kwincwadi yakho yomsebenzi.

umfama	inkwenkwana	intakumba	umvundla	izinyuko
				





3

Khangela igama ebalini elinentsingiselo efanayo nala magama alandelayo:

ocaphukayo

ohluphayo

onencasa

wawa

wakhwaza

wanyamalala



4

Thetha nomhlobo wakho malunga nebali.

- Ngoobani abadlali abaphambili kweli bali?
- Cacisa ngabadlali abaphambili.
- Zeziphi izinto ezohlukeneyo uMvundlana awazijika wazizo ezikhusela kuMpungutye?
- Yeyiphi into yokugqibela awazitshintsha wayiyo uMvundlana? Oku kwamnceda njani?
- Yeyiphi indlela uMpungutye awasitshintsha ngayo isimo sakhe ukususela ekuqaleni ukuya esiphelweni sebali?
- Kwenzeka ntoni ekuqaleni kwebali?
- Kwenzeka ntoni embindini webali?
- Kwenzeka ntoni esiphelweni sebali?





5

Cinga ngathi unguMvundlana.  
Bhala kwidayari ubalise ngosuku lwakho kwifama kaMpungutye.

Usuku \_\_\_\_\_

Umhla \_\_\_\_\_

---

---

---

---

---

---



6

Khuphela isivakalisi encwadini esibonisa ukuba umfama unomsindo. Zoba umfanekiso obonisa oku.



7

UMvundlana wazitshintsha wazizinto ezininzi. Zeziphi ezo zinto? Cinga ngenye into engezitshintshe wayiyo. Bhala umhlathi omalunga nezivakalisi ezi-6 uchaze ukuba ukutshintsha abe yenye into ngekumncede njani ukuze asinde kuMpungutye.

# IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE



## Incwadi 1

<i>Isihloko:</i>	UMvundlana uqhatha uMpungutye
<i>Ulwimi:</i>	IsiXhosa
<i>Inqanaba:</i>	Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Inqanaba 1 Incwadi 1
<i>Uhlobo lwencwadi:</i>	Ibali
<i>Amagama ajongwayo:</i>	kufutshane, esezithendeni, ngomtsi, umkhwa, phakathi, ngomsindokazi, xa, ezilenca imilebe, leyo, heyi wena, le
<i>Isigama:</i>	ukuna, ezichumileyo, achwechwele, wagrama, lakatyu, waduka, waxhuma, umsindo, isivuno, isityebi, watswina
<i>Izandi:</i>	oo, ee, ty, tsh, mp, chw
<i>Umxholo, amagama nezakhono:</i>	<ul style="list-style-type: none"><li>• Xoxani ngemifanekiso.</li><li>• Balisa ibali usebenzise imifanekiso.</li><li>• Chonga izikhuzo.</li><li>• Chonga izifanokuthi.</li><li>• Bhala inqaku ledayari.</li><li>• Khuphela isivakalisi uze uzobe umfanekiso ohambelana naso.</li><li>• Bhala umhlathi.</li></ul>

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo.

Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2636-9



9 781431 526369



ISBN 978-1-4315-2636-9

**THIS BOOK MAY NOT  
BE SOLD.**



**basic education**

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education  
222 Struben Street, Pretoria  
South Africa

© Department of Basic Education  
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

**Ezinye iincwadi ezikwithala  
leencwadi zeBanga lesi-3  
zoLwimi Lweenkobe**

Inqanaba: **1**

**1**

**UMvundlana uqhatha  
uMpungutye**

**Utyelelo elwandle**

**Uyolo lwasekhitshini**

**Idayari kaNozikhhalazo**

Inqanaba: **2**

**2**

**Izilwanyana ziqhweshile**

**UThandi unemini embi**

**Impelaveki esingasoze siyilibale**

Inqanaba: **3**

**3**

**Irhamncwa ekhabhathini**

**Ityala lokulahleka  
kwamaqebengwana**

**Yinyaniso emsulwa**